



## Travel with stories

Books don't just have words and pictures in them. They are filled with adventure – new places to go and new people to meet! One way you and your children can travel to new places every day, is through reading stories together. Some of the places you'll travel to may be imaginary, while others may be real. Either way, your children will learn lots without even realising it!

## Yibani nohambo ngamabali

Iincwadi azipheleli ekubeni zibe namagama nemifanekiso nje kuphela kuzo. Zihlohlwe ngodelongozi – iindawo ezintsha ekuyiwa kuzo nabantu abatsha ekuhlanganwa nabo! Enye indlela wena nabantwana bakho eningaba nohambo ngayo oluya kwiindawo ezintsha yonke imihla, kukufunda amabali kunye. Ezinye iindawo eniya kuya kuzo zisenokuba kwingcingane kuphela, kodwa ezinye zisenokuba ziindawo ezikhoyo ngenene. Nokuba kwenzeka njani, abantwana benu baya kufunda okuninzi ngendlela abangayiqondiyi!

### BENEFITS OF READING STORIES ABOUT NEW PLACES

1. Some stories about new places may have words from other languages in them, so you could learn how to say things in another language.
2. Stories can show us how people from different places are similar and different to us at the same time! No matter how different our daily lives are, we are all the same in some ways. We all need to be loved and to love, and we all need a safe place to live and enough food to eat.
3. Some stories introduce you to new things you might want to try! Reading about new foods or games may encourage you to try them. Or, reading a story set in a place different to where you live, may make you want to travel there one day!
4. Stories about nature help us see how all living things work together to keep our planet alive. They take us to places we sometimes forget about as we lead our busy lives.

### IZINTO EZILUNCEDO NGOKUFUNDA AMABALI NGEENDAWO EZINTSHA

1. Amanye amabali amalunga neendawo ezintsha asenokuba namagama avela kwezinye iilwimi kuwo, ngoko ke unakho ukufunda indlela yokubiza ezinye izinto ngolunye ulwimi.
2. Amabali anokusibonisa ngaxeshanye iindlela abanye abantu bezinye iindawo bafana kwaye bahluka ngazo kuthi! Akukhathaliseki ukuba ubomi bethu bemihla ngemihla bahluka njani, siyafana sonke ngeendlela ezithile. Sonke sidinga ukuthandwa nokuthanda, ngokunjalo sonke sidinga indawo enokhuseleko ukuze siphile nokutya okwaneleyo ukuze siyiye.
3. Amanye amabali akwazisa ngezinto ezintsha mhlawumbi onokunqwenela ukuzizama! Ukufunda ngeentlobo ezintsha zokutya okanye zemidlalo kungakukhuthaza ukuba uzizame. Okanye, ukufunda ibali eliqhubeka kwiindawo eyahlukileyo kuleyo ohlala kuyo, kungenza ukuba unqwenele ukuba nohambo oluya apho ngenye imini!
4. Amabali amalunga nendalo asinceda ukuba sibone indlela izinto eziphilayo ezisebenzisana ngayo ukuze iplaneti yethu igcineke iphila. Asithumela kwiindawo esizilibalayo maxa wambi ngenxa yokuxakeka bubomi bethu.




Are you looking for stories to share with your children? We've got lots of free stories in different South African languages! Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).

Ingaba ukhangela amabali onokuwabalisela abantwana bakho? Sinamabali amaninzi afumaneka simahla ngeelwimi ezahluka-hlukileyo zaseMzantsi Afrika! Ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).

## Stories that take you places

Some of the kinds of stories that let your mind travel, are:

- ★ stories set in parts of South Africa that you have never visited
- ★ stories written by authors from other African countries
- ★ stories set long ago when the world around us was very different to how it is today
- ★ fantasy stories set in magical places.



 Drive your imagination

## Amabali akuthumela kwiindawo ngeendawo

Ezinye iintlobo zamabali ezenza ukuba ingqondo yakho ibe kuhambo, zezi:

- ★ amabali asekwé kwiindawo ezithile zaseMzantsi Afrika ongazange wakhe wazityelela
- ★ amabali abhalwa ngababhali abavela kwamanye amazwe aseAfrika
- ★ amabali asekwá kudala xa ihlabathi elisingqongileyo lalahluka kakhulu kwimeko elikuyo namhla
- ★ amabali ngeengcinga ezimangalisayo ngezinto ezingekhoyo asekwé kwiindawo ezingobugqi.

 IT STARTS WITH A STORY.  
KONKE KUQALA NGEBALI.

## Get creative!

Have you ever used puppets to tell a story? Using puppets is a great way to get children involved in retelling stories that they know, and can also help them make up their own stories! And there are other benefits for children too. Here are some of the benefits of using puppets for storytelling as well as ideas for easy ways to make puppets with children.

### 5 benefits of using puppets

When you and your children use puppets to tell stories, it:

- ✓ stimulates their imagination and encourages them to be creative
- ✓ helps increase their confidence to speak to others
- ✓ develops their language and vocabulary
- ✓ gives them practice at working with stories, which helps them when they read and write stories
- ✓ helps them learn how to work together with others.



## Sebenzisa ubugcisa bakho!

Ingaba wakhe wasebenzisa oonopopi xa ubalisa ibali? Ukusebenzisa oonopopi yindlela engummangaliso yokubandakanya abantwana ekubaliseni kwakhona amabali abawaziyo, ngokunjalo kuphinda kubancede ngokuqamba amabali angawabo! Kanti kukho nezinye izinto ezikwaluncedo ebantwaneni.

Nazi ezinye izinto eziluncedo ngokusebenzisa oonopopi xa kubaliswa amabali ngokunjalo nezimvo malunga neendlela ezilula zokwenza oonopopi nabantwana.

### Izinto ezi-5 eziluncedo ngokusebenzisa oonopopi

Xa wena nabantwana bakho nisebenzisa oonopopi ukubalisa amabali, oko:

- ✓ kuvuselela ingcingane yabo kuphinde kubakhuthaze ukuba bayile izinto ezintsha
- ✓ kunceda ngokwandisa ukuzithemba kwabo ukuba bathethe nabanye
- ✓ kuphuhlisa ulwimi lwabo nesigama
- ✓ kubanika ithuba lokuqhelanisa nokusebenza ngamabali, ukuze oko kubancede xa befunda naxa bebhala amabali
- ✓ kubanceda ngokufunda indlela yokusebenza kunye nabanye.

### How to make a sock puppet

#### Indlela yokwenza unopopi wekawusi

##### What you need

- 🧵 an old sock
- 🖋️ koki pens
- 🔘 buttons or cardboard
- 🧵 a needle and thread (optional)
- 🧴 glue
- 🐑 wool

##### Okudingayo

- 🧵 ikawusi endala
- 🖋️ iipeni zekoki
- 🔘 amaqhosha okanye ikhadibhodi
- 🧵 inaliti nomsonto (azinyanzelekanga)
- 🧴 iglu
- 🐑 iwulu

##### What to do

##### Okufanele ukwenziwa



1. Find a clean sock and put your hand inside it. Use a koki to draw two dots where the eyes will go and one where the nose will go.
1. Fumana ikawusi ecocekileyo uze ufake isandla sakho phakathi kwayo. Sebenzisa ikoki ukuzoba amachaphaza amabini apha amehlo aza kuba khona kunye nelinye ukwenzela indawo yempumlo.



2. Glue or sew some buttons onto the sock where you made the marks for the eyes and nose. If you don't have buttons, cut out some small round shapes from cardboard and colour them in.
2. Namathelisa ngegulu okanye uthungele amaqhosha ekawusini apha wenza khona iimpawu zamehlo nempumlo. Ukuba akunamaqhosha, sika uze ukhuphe iimilo ezincinane ezingqukuva kwikhadibhodi uze uzifake imibala.



3. Draw on some eyebrows with a koki or glue on some wool or thin strips of paper. Put glue on some wool - this will be your puppet's hair.
3. Zoba amashiya ngekoki okanye ngegulu kwiwulu okanye kwimicu yephepha. Faka iglu kwiwulu - oku kuya kuba ziinwele zikanopopi.



4. Put your hand inside the puppet as you glue on the hair. Enjoy using your puppet!
4. Faka isandla sakho phakathi kukanopopi xa unamathelisa iinwele ngegulu. Yorwabela ukusebenzisa unopopi wakho!

### How to make a paper bag puppet

#### Indlela yokwenza unopopi wesingxobo sephepha

##### What you need

- 🧵 a paper bag
- 🖋️ koki pens
- 🖍️ crayons/pencil crayons
- 📄 paper
- 🧴 glue
- 🐑 cotton wool/wool/string
- 🧵 fabric scraps (optional)
- 🔘 beads (optional)
- 🐔 feathers (optional)

##### Okudingayo

- 🧵 isingxobo sephepha
- 🖋️ iipeni zekoki
- 🖍️ iikhrayoni/iikhrayoni zeepenisele
- 📄 iphepha
- 🧴 iglu
- 🐑 uboya/iwulu/umtya
- 🔘 amalathshana (akanyanzelekanga)
- 🔘 amaso (akanyanzelekanga)
- 🐔 iintsiba (azinyanzelekanga)

##### What to do

##### Okufanele ukwenziwa



1. Lay the paper bag on a table with the flap facing up.
1. Yandlala isingxobo sephepha etafileni umphetho ubheke phezulu.
2. Start by creating the mouth. Draw or paste the upper lip on the flap. Draw or paste the lower lip on the main part of the bag, where it meets the flap.
2. Qala ngokubumba umlomo. Zoba okanye unamathelise umlebe ongasentla emphethweni. Zoba okanye unamathelise umlebe ongezantsi kwesona siqu sesingxobo, apha udibana khona nomphetho.

3.



3. Draw the eyes, eyebrows and nose on the flap. Or draw them on scrap paper, cut them out and paste them onto the flap.

3. Zoba amehlo, amashiya nempumlo emphethweni. Okanye zizobe ephepheni elingenamsebenzi, zisike uze uzikhuphe wandule ukuzinamathelisa emphethweni.

5.



5. Draw the puppet's body on the main part of the bag. For people, draw the outline of their clothes and colour them in. For animals, outline the patterns on their bodies and then colour them in. You could also glue bits of coloured paper, beads, feathers or fabric scraps to the bag to make the body of your puppet.

5. Zoba umzimba kanopopi kuqobo lwesiqu sesingxobo. Malunga nabantu, zoba umda ongaphandle weempahla zabo uze ufake imibala kuzo. Malunga nezilwanyana, zoba imida engaphandle yemzimba yazo uze uyifake imibala. Unakho ngokunjalo ukunamathelisa iintwana zamaphepha afakwe imibala, amaso, iintsiba okanye amatshana angenamsebenzi kwisingxobo ukuze wenze umzimba kanopopi.

4.



4. Open the flap. Draw a tongue on some paper and then glue it onto the mouth, in the part that is under the flap.

4. Vula umphetho. Zoba ulwimi ephepheni uze ulinamathelise ngeglu emlonyeni, kwindawo engezantsi komphetho.

6.



6. Finish off your puppet by gluing wool, cotton wool or string to the bag to make hair, a moustache and/or a beard.

6. Gqibezela unopopi wakho ngokunamathelisa iwulu, uboya okanye umtya kwisingxobo ukuze kwenziwe iinwele, amabhovu kunye/ okanye nentshebe.

Photos/lifoto: Chèlan Naicker

## Collect the Na'ibali characters



Cut out and keep all your favourite Na'ibali characters and then use them to create your own pictures, posters, stories or anything else you can think of!

### About Noodle

**Age:** 3 years old

**Lives with:** Bella and her mom

**Favourite snack:** dog biscuits

**Favourite drink:** water

**Favourite places to visit:** anywhere he can run around and dig holes

**Books he likes:** stories with animal noises, especially those with barking dogs



## Qokelela abalinganiswa bakwaNa'ibali

Sika uze ugciné bonke abalinganiswa bakho obathandayo bakaNa'ibali ukuze ubasebenzisele ukuyila imifanekiso eyeyakho, iipowusta, amabali okanye nayiphi na enye into onokuyicinga!

### Malunga noNoodle

**Ubudala:** iminyaka emi-3

**Uhlala no-:** Bella nomama wakhe

**Awona mashwamshwam awathandayo:** iibhisikithi zezinja

**Esona siselo asithanda kakhulu:** amanzi

**Iindawo azityelela kakhulu:** naphi na angabaleka ajikeleze embe nemingxuma

**Iincwadi azithandayo:** amabali aneengxolo zezilwanyana, ngakumbi lawo anezinja ezikhonkothayo

### Here's an idea ...

- ✂ Cut out and colour in the picture of Noodle and paste it on a large sheet of paper. Then do one or more of the following things.
- 🗨 Draw a thought bubble and then draw a picture inside it to show what Noodle is thinking about. (Clue: Use the information about his favourite things to help you!)
- 📖 Draw a picture of Bella sitting next to Noodle and reading him a story.
- ✂ Keep the picture in a safe place and when you have collected all the Na'ibali characters, use them to create your own Na'ibali poster!

### Nalu uluvo ...

- ✂ Sika ukhuphe futhi ufake umbala emfanekisweni kaNoodle uze uwunamathelise ephepheni elikhulu. Emva koko yenza into ibe nye nangaphezulu kwezi zinto zilandelayo.
- 🗨 Zoba iqamza leengcinga wandule ukuzoba umfanekiso ngaphakathi kwalo ukubonisa okucingwa nguNoodle. (Umkhondo: Sebenzisa iinkcukacha malunga nezinto azithanda kakhulu ukuze uncedakale!)
- 🗨 Zoba umfanekiso kaBella ehleli ecaleni kukaNoodle kwaye emfundela ibali.
- ✂ Gcina umfanekiso kwindawo enokhuselo ukuze xa sowaqokelele bonke abalinganiswa bakaNa'ibali, ubasebenzisele ukuyila ipowusta eyeyakho kaNa'ibali!

# WIN! WINA!



For a chance to win some Book Dash books, write a review of the story, *Mali's friend* (pages 7 to 10), and email it to [team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), or take a photo and tweet us at [@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Remember to include your full name, age and contact details.

Ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi zakwaBook Dash, bhala uphengululo lwebali elithi, *Umhlobo kaMali* (kwiphepha lesi-7 ukuya kwele-10), uze ulithumele ngeimeyile ku-[team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), okanye thatha ifoto uze uyithumele nge-tweet kuthi ku-[@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Khumbula ukufaka igama lakho elipheleleyo, ubudala kunye neenkukacha zoqhagamshelwano.



Here are some of the reviews that our readers have sent us of stories that have appeared in past *Nal'ibali* Supplements. What have been your favourite stories? Write to us and let us know!

Nalu olunye uphengululo oluthunyelwe ngabafundi bethu kuthi malunga namabali apapashwe kwizihlandlo zoHlelo lukaNal'ibali. Ngawaphi amabali owathande kakhulu? Sibhalele usazise!

#### Dear Nal'ibali

I have a four-year-old boy and a two-year-old girl. We always read the stories in the *Nal'ibali* Supplement.

The story, *Auntie Boi's gift* (Edition 155), is a phenomenal story about a girl going to town for the first time. It takes us on the journey of a girl and all her exciting experiences. It teaches the child about safety in a car by using the seatbelt and about what one finds in town. It shows a post office and the present for Kopano and Rea is two beautiful dolls dressed in African attire. Yeah!!! Well done.

Justin Brown



Dear Nal'ibali ...  
Nal'ibali othandekayo ...

WRITE TO US!  
SIBHALELE!

The Nal'ibali Supplement  
The Nal'ibali Trust  
Suite 17-201, Building 17  
Waverley Business Park  
Wycroft Road  
Mowbray  
7700

info@nalibali.org



#### Nal'ibali othandekayo

Ndinonyana oneminyaka emine kunye nentombazana eneminyaka emibini. Siwafunda qho amabali kuHlelo lukaNal'ibali.

Ibali elithi, *Isipho sikaMakazi uBoi* (Ushicilelo 155), libali elingumngaliso malunga nentombazana eyayiqala ukuya edolophini. Lisithumela kuhambo lwentombazana nakuwo onke amava ayo emincili. Lifundisa umntwana ngokhuselo emotweni ngokusebenzisa ibhanti lesitulo nangezinto ezifunyanwa ngumntu edolophini. Libonisa iofisi yeposi kunye nesipho sikaKopano noRea soonopopi abahle ababini benxityiswe isinxibo sesiAfrika. Halala!!! Mhle umsebenzi.

Justin Brown



#### Nal'ibali othandekayo

Ngethemba lokuba le imeyili iza kufika kuwe usempilweni entle. Nalu uphengululo lweklabhu yethu yokufunda lwebali elithi, *uBhokhwana* (Ushicilelo 154).

- ★ **Libalisa ngabani ibali?** ngoBhokhwana noMama uBhokhwe
- ★ **Mazwi mani onokuwasebenzisela ukuchaza umlinganiswa ophambili?** Umhlophe unamabala antsundu, akahoyi, uyageza, uneendlebe ezincinane namehlo acimeleyo, uthanda ingca, unenyameko kwaye ukhaliphile
- ★ **Yeyiphi eyona ndawo eyothusa kakhulu, elusizi kakhulu, neyona ihlekisayo okanye eyona ndawo inomdla ebalini?** Elusizi kakhulu: UMama uBhokhwe ukhathazwa kukuba uBhokhwana emkile.
- ★ **Ucinga ukuba kutheni umbhali ekhethe isihloko seli bali?** Ibali limalunga nebhokhwana, ingca kunye neebhokhwe ezitya ingca.
- ★ **Ungakunqwenela ukuba ngumlinganiswa kweli bali? Kutheni okanye kutheni kungenjalo?** Ewe, nathi siyafuna ukuba nenyameko nokukhalipha njengobhokhwana. Hayi, asifuni ukuba yibhokhwe.
- ★ **Ungalincoma eli bali kumhlobo wakho? Kutheni okanye kutheni kungenjalo?** Ewe, libali elithandekayo nelihlekisayo, ungalifunda ngeelwimi ezimbini eli bali, kwaye likufundisa ngokhuselo nokuthi ungayi kude kumama wakho.

Love4Reading, i-Uviwe Reading Club



#### Dear Nal'ibali



Hope this email finds you in good health. Here is our reading club's review of the story, *Little Goat* (Edition 154).

- ★ **Who is the story about?** Little Goat and Mother Goat
- ★ **What words would you use to describe the main character?** White with brown patches, careless, naughty, small ears and closed eyes, loves grass, determined and brave
- ★ **What was the scariest, saddest, funniest or most interesting part of the story?** Saddest: Mother Goat worried that Little Goat was gone.
- ★ **Why do you think the author chose the title for this story?** The story is about a little goat, grass and goats eating grass.
- ★ **Would you like to be a character from the story? Why or why not?** Yes, we also want to be as determined and brave as the little goat. No, we don't want to be a goat.
- ★ **Would you recommend this story to a friend? Why or why not?** Yes, it's a cool and funny story, you can read the story in both languages, and it teaches you about safety and not to go far from your mom.

Love4Reading, Uviwe Reading Club

#### Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.




#### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your imagination



Izityalo ziyandinceda ndiphethume.

Plants help me to breathe.

Xa nditshisa umthi, nditshisa mna lo.



When I burn the tree, I burn myself.



NEW AFRICAN STORIES



AMABALI AMATSHA  
ASE-AFRIKA

This is an adapted version of *I am earth*, published by New Africa Books and available in bookstores and online from [www.newafricabooks.com](http://www.newafricabooks.com), [www.loot.co.za](http://www.loot.co.za) and [www.takealot.com](http://www.takealot.com). This story is available in the eleven official South African languages and is part of the New African Stories series – a series of beautifully illustrated children's stories collected from across Africa.

Olu luguqulelo olulungisiweyo oluthi *Ndingumhlaba*, olupapashwe yiNew Africa Books kwaye lufumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-intanethi ku-[www.newafricabooks.com](http://www.newafricabooks.com), ku-[www.loot.co.za](http://www.loot.co.za) naku-[www.takealot.com](http://www.takealot.com). Eli bali lifumaneka ngeelwimi ezilishumi elinanye zaseburhulumenteni baseMzantsi Afrika futhi liyinxalenye yothotho oluthi Amabali Amatsha Ase-Afrika – uthotho lwamabali abantwana abaliswa ngobuchule naqokelelwe kulo lonke elaseAfrika.

**dp davidphilip**  
Trading as **New Africa Books**

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




Drive your  
imagination


# I am earth Ndingumhlaba

*Thembinkosi Kohli  
Sindiwe Magona*





Izinambuzane zinceda umhlaba uphufumele.



Insects help the earth to breathe.

Ndingumthi.

I am the tree.

I sleep under a tree.

Ndilala phantsi komthi.



I see a bird.

Ndibona intaka.



We are the earth!

Singumhlaba!





Once again, Mali tries. But he does not enjoy himself.

Uphinda azame kwakhona uMali, kodwa akummandanga kuye oku.

“Mali, go out and play *maphonselana* with the others.”


“Mali, khawuphume uye kudlala *umaphonselana* nabanye.”

Gogo tries one more time, UMakhulu uphinda azame okokugibela,



# Mali's friend Umhlobo kaMali

Rujeko Moyo  
Ellen Heydenrych  
RJ Palmer



Lots more free books at [bookdash.org](http://bookdash.org)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)





Benza iiphayi zodaka nekeyiki, ngokunjalo nepankeyiki kunye nebhisisikithi. UMali wonwaba kakhulu. They make mud pies and cakes, and even pancakes and biscuits. Mali enjoys himself very much.



Kukho umntu onkqonkqozayo emnyango. Nkqo! Nkqo! Nkqo! Lesedi uyambuza ukuba angathanda na ukwenza iiphayi zodaka kunye nekeyiki. Ngulesedi wakwammelwane! Uze kudlala. UMali unentoni. Akazi ukuba angadlala njani noLesedi.

There is a knock on the door. *Koi! Koi! Koi!* It's Lesedi from next door! She has come to play. Mali is shy. He does not know how to play with Lesedi. She asks him if he would like to make mud pies and cakes.

Mali enjoys playing by himself. He likes to be a pilot, swooshing around the house with his paper plane. *Swoosh! Swoosh! Swoosh!*

UMali uyakuthanda ukudlala yedwa. Uthanda ukuba ngumqhubi weenqwelomoya, abhabhise inqwelomoya yakhe yephepha endlwini. *Shibibili! Shibibili! Shibibili!*



"I am going out to play with Lesedi!"  
 "Ndiya kudlala noLesedi!"  
 he laughs.  
 ehleka.



Ngosuku olulandelayo, uyabuya kwakhona uLesedi. Ubonisa uMali indlela yokudlala ingedo. UMali unengxaki yokuphosa, ukushenxisa nokunqakula amatye. Kodwa isakhono sakhe siya ngokuphucuka. Wonwaba kakhulu.



The next day, Lesedi comes back again. She shows Mali how to play *ingedo*. Mali has trouble throwing, moving and catching the stones. But he gets better at the game. He enjoys himself very much.



Uphinda azame kwakhona uMali. Kodwa akumandanga kuye oku. Mali tries again. But he does not enjoy himself.

“Mali, look, the children are playing *ibhathi*. Go out and play.”  
“Mali, jonga, abantwana badlala *ibhathi*. Khawuphume uye kudlala.”

UMakhulu uthi,  
Gogo says,

The next morning, after gobbling down his porridge, Mali takes out his wire car.



Ngentsasa elandelayo, emva kokulwabiza isidudu sakhe, uMali ukhupha imoto yakhe yocingo.

Then a taxi driver, hooting around the yard with his wire car. *Beep! Beep! Beeeeeeeeeep!* Mali never goes out to play with others.

Emva koko kuvakala nomqhubi weteksi, epopoza eyadini emotweni yakhe yocingo. *Popoop! Popoop! Popooooooop!*

UMali akakhe aphume aye kudlala nabanye.



“Where are you going, Mali?”  
“Uyaphi, Mali?”

asks Gogo.  
uyabuza uMakhulu.





Kodwa kuMali akummandanga oku.  
 But Mali does not enjoy himself.


“Mali, go out and play *ibhola* with the others.”  
 “Mali, khawuphume uye kudlala *ibhola* nabanye.”

Gogo says,  
 UMakhulu uthi,



Mali then shows Lesedi how to make a paper plane. They go all around the house swooshing their planes. Oh! They laugh a lot!  
 UMali ubonisa uLesedi indlela yokwenza iNgwelomoya yephepha. Bazula-zula endwini yonke bebhahisa iNgwelomoya zabo. Owu! Bahleka bangayeki!

Mali asks Lesedi,  
 UMali ucela uLesedi,



“Can I come to your house to play tomorrow?”  
 “Ndingeza kudlala kowenu ngomso?”

“Of course you can!”  
 “Ngqo ungeza!”

she laughs.  
 ehleka.




Amabhabhathane anceda izityalo zikhule.



Butterflies help plants to grow.


I am the earth.



Ndingumhlaba.


Ndililanga.

I am the sun.



The bird tells me a story.

Intaka indibalisela ibali.





Ibhola enkulu  
 esesibhakabhakeni.  
 A big ball in the sky.

The earth is a big ball.



Don't dirty the air and the earth.

Sukungcolisa umoya nomhlaba.



Umhlaba yibholakazi enkulu.



## Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Na'ibali Supplement: *I am earth* (pages 5, 6, 11 and 12), *Mali's friend* (pages 7 to 10) and *Timi and the barber* (page 14).

### I am earth

In this book, the boy shares with us the different ways in which we are all connected to the planet we live on.

- 🌀 Think about the things you do that protect the earth. Are there other small things that you could do?
- 🌀 Then write: **I am earth** on a large sheet of paper and add some of your ideas about how we are all connected to the earth using drawings and/or words.

### Mali's friend

- Which of the games in this story do you and your friends play? What other games do you enjoy playing together? On the notepad alongside, write a list of your favourite games to play with friends. (Remember to give your list a heading!)
- Compare your list of games with a friend's list. How are your lists the same and different?
- Why do you think Mali enjoyed playing with Lesedi more than he did playing with the other children? What advice can you give Mali about making friends?

### Umhlobo kaMali

- Yeyiphi imidlalo ekweli bali eniyidlalayo wena nabahlobo bakho? Yiyiphi eminye imidlalo enithanda ukuyidlala kunye? Kwincwadana yamanqaku ecaleni, bhala uluhlu lwemidlalo enithanda ukuyidlala nabahlobo bakho. (Khumbula ukunika uluhlu isihloko!)
- Thelekisa uluhlu lwakho lwemidlalo noluhlu lomhlobo. Ingaba izintlu zenu zifana njani kwaye zahluka njani?
- Ucinga ukuba kungani uMali wayekonwabela ukudlala noLesedi ngaphezu kokudlala nabanye abantwana? Cebo lini onokulnika uMali malunga nokufumana abahlobo?

### Timi and the barber

Timi has hair that grows very quickly! Divide a sheet of paper into eight blocks and write "Today" in the first block. Then write a day of the week in each of the other blocks, starting with "Sunday". In the first block draw a picture of Timi to show what his hair looks like just after he has been to the barber. In each of the other blocks draw a picture of him to show how much his hair grows each day!



## Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisebenzi onokuyizama. Isekwe kuwo onke amabali kolu papasho loHlelo lukaNa'ibali: *Ndingumhlaba* (iphepha lesi-5, lesi-6, le-11 nele-12), *Umhlobo kaMali* (iphepha lesi-7 ukuya kwele-10) nelithi *UTimi nomchebi weenwele* (iphepha le-15).

### Ndingumhlaba

Kule ncwadi, inkwenkwe isincokolela ngeendlela ezahluka-hlukileyo esinxulumana ngazo thina sonke neplanethi esihlala kuyo.

- 🌀 Cinga ngezinto ozenzela ukukhusela umhlaba. Ingaba zikhona ezinye izinto ezincinane onokuzenza?
- 🌀 Ngoku bhala kanje: **Ndingumhlaba** ephepheni elikhulu uze ufakele nezinye zezimvo zakho ngeendlela thina sonke esinxulumana ngayo nomhlaba ngokusebenzisa imizobo kunye/okanye amagama.



Drive your imagination



## Timi and the barber



By Nddi Chiazor-Enemor ■ Illustrations by Natalie and Tamsin Hinrichsen

Timi and his mother lived in Mozala Town. There was something very unusual about Timi – his hair! It grew very quickly. It grew so quickly that every Saturday, Timi’s mother had to take him to the barber to have his hair cut. And if there was one thing that Timi really didn’t like, it was having his hair cut! Haircut time was worry time for Mom because Timi would cry.

“I don’t want to have my hair cut!” he always said.

Mom would cuddle him before they set off to the barbershop, but as soon as they arrived, Timi would burst into tears.

Then Mom would have to do all sorts of things to try to get Timi to sit still while he was having his hair cut. Sometimes she would give him some biscuits. Timi loved biscuits, but he would gobble them down and start crying again. Sometimes Mom would break into a dance. She would dance to the left. She would dance to the right. She would shake her body, but Timi just cried and cried.

As soon as Jango, the barber, got ready to cut Timi’s hair, Timi got ready to cry even more! First, he would sniffle, then he would sob, and then he would let out a loud cry, “*Hiyaa, hiyaa, hiyaa!*”

“It’s only a haircut, Timi. It’s not painful,” Jango would say, trying to calm Timi down, but that made Timi cry even louder.

Sometimes Jango would sing to comfort Timi, but still Timi kept crying.

One day, Timi cried so loudly that some passers-by peeped into the barbershop to see what would make a boy cry so loudly!

“Oh, my goodness! It is only a young boy having his hair cut,” they said.

Timi did not care that people came to stare at him. He cried and cried until Jango had finished cutting his hair.

Another day, he wailed so loudly that Grandma Binite came limping in with her walking stick. She lived next door to the barbershop, but had been woken up from her afternoon nap by Timi’s loud wails.

“Oh, my word!” Grandma Binite said. “I thought something terrible was going on!” Then she limped back to her house to get Timi a piece of tasty grilled fish she had made. “I’m sure this will make him stop crying,” she thought. But when she gave Timi the fish, he popped it into his mouth, chewed and swallowed ... and then went on crying!



After Timi had left with his mother that day, Jango sat down with a cup of tea and thought and thought. Surely there had to be a way to stop Timi from crying while his hair was being cut! And that’s when Jango had his good idea! “That’s it! I’ve solved it,” he shouted excitedly.

On Timi’s next visit, as soon as Jango took out his scissors, he began to tell Timi a story.

“Once there was a young boy who did not like to get his hair cut, so he let it grow and grow,” said Jango. “It grew until his head was full of knotty strands of hair. Soon the knotty strands became twisted together.”

“What happened next?” asked Timi, who had stopped crying.

“Flies and other insects decided to make their homes in his hair,” continued Jango.

“So, what happened to him?” asked Timi, looking worried.

“The young boy began to pull at his hair and to scratch because the insects that were crawling around on his head made it very, very itchy. He pulled and scratched, and pulled and scratched all day long. Soon, his head and his hands began to hurt from all the pulling and scratching,” said Jango.

“Oh, how awful! What happened next?” asked Timi, feeling sorry for the boy.

“His head and hands became swollen,” continued Jango. “One day, his mom brought him to my shop. As soon as they got here, he hopped on the chair to have his haircut. He sat still so that I could give him the best haircut ever.”

“Really?” asked Timi.

“Oh, yes!” said Jango. “And when I had finished cutting the boy’s hair – just as I have done yours now – the boy gave me a very big hug.”

Timi looked at his head. His haircut was finished! He had been enjoying the story so much that he hadn’t noticed Jango cutting his hair. He jumped out of the chair and gave Jango a big hug.

And do you know what? Timi never cried again at the barbershop because Jango had a new story to tell him at every visit! And Timi’s mom was very happy because Jango’s stories meant an end to her weekly haircut worries.





## UTimi nomchebi weenwele



Libali likaNdidi Chiazor-Enemor ■ Imifanekiso izotywe nguNatalie kunye noTamsin Hinrichsen

UTimi nomama wakhe babehlala kwiDolophu iMozala. Kukho into eyayingaqhelekanga kakhulu ngoTimi – iinwele zakhe! Zazikhula ngokukhawuleza okukhulu. Zazikhula ngokukhawuleza kangangokuba umama wakhe wayemsa kumchebi weenwele qho ngoMgqibelo ukuze achebe iinwele zakhe. Kanti ukuba kwakukho into awayengayithandi ngenene uTimi, yayikukucheba iinwele zakhe! Ixesha lokucheba iinwele yayilixesha lokukhathazeka kuMama kuba uTimi wayesuka akhale.

“Andifuni mna zichetywe iinwele zam!” wayesoloko esitsho.

UMama wayemanga phambi kokuba baye kwindlu yomchebi weenwele, kodwa babesithi xa bengena kuyo, iinyembezi zimpompoze emehlweni kaTimi.

Emva koko uMama wayesenza konke anokukwenza ukuze uTimi ahlale ngokuzola xa kuchetywa iinwele zakhe. Maxa wambi wayemnika iibhisikithi. UTimi wayezithanda iibhisikithi, kodwa wayesuka aziphange aphinde aqalise ukukhala. Maxa wambi uMama waye adanise. Wayedanisa aye ngasekhohlo. Adanise aye ngasekunene. Wayetyityimbisa umzimba wakhe, kodwa uTimi wayekhala angayeki.

Kwangoko emva kokuba uJango, umchebi weenwele, elungele ukucheba iinwele zikaTimi, uTimi wayezilungiselela ukuba akhale kakhulu! Kuqala, wayebefixiza, emva koko abibitheke, asuke asitsho isikhalo sivakale, **“Hihoo, hihoo, hihoo!”**

“Kukucheba iinwele nje kuphela, Timi. Akubuhlungwanga,” wayesitsho njalo uJango, ezama ukudambisa uTimi kodwa oko kwakumenza akhalele phezulu ngakumbi uTimi.

Maxa wambi uJango wayecula ngelinge lokuthuzela uTimi, kodwa uTimi aqhube ngokukhala.

Ngenye imini, uTimi wakhalela phezulu kangangokuba bade bakroba endlwini yokucheba iinwele abantu ababedlula befuna ukuqonda ukuba ingaba yintoni eyenza ukuba inkwenkwe ibhonge kangaka!

“Owu, nkosi yam! Yinkwenkwana echetywa iinwele nje kuphela,” batsho.

UTimi wayengakhathali naxa abantu besiza kumkroba. Wayekhala, akhale ade agqibe uJango ukucheba iinwele zakhe.

Ngenye imini, wakhalela phezulu kangangokuba uMakhulu uBinite weza eijingxela ehamba ngomsimelelo wakhe. Wayehlala ecaleni kwendlu yokucheba iinwele, kodwa wayevuswe yingxolo yesikhalo sikaTimi esathe ngqwa ngaloo mva kwemini.

“Owu, zinkosi!” watsho uMakhulu uBinite. “Bendinga ukuba kukho into embi eyenzekayo!” Waphinda wajingxela ukubuyela endlwini yakhe ukuya kulandela uTimi intwana yentlanzi enencasa awayeyosile. “Ndiqinisekile oku kuya kwenza ukuba ayeke ukukhala,” wacinga ngolo hlobo. Kodwa emva kokuba enike uTimi intlanzi, wayiphosa emlonyeni wakhe, wahlafuna waze waginya ... emva koko waqhuba ngokukhala!



Emva kokuba uTimi ehambile nomama wakhe ngaloo mini, uJango wahlala phantsi ephunga iti waza wacinga waqhuba ngokucinga. Ngokuqinisekileyo kwakufanele ukuba kubekho indlela yokunqumamisa uTimi ekukhaleni xa kuchetywa iinwele zakhe! Kwafika xa kulapho uluvo oluhle engqondweni kaJango! “Yheke! Ndisifumene isisombululo sengxaki,” wakhwaza ngemincili.

Wathi xa esiya kwakhona uTimi, msinyane akuba ethathe isikere uJango, waqalisa ngokubalisela uTimi ibali.

“Kwakukho inkwenkwana eyayingathandi ukuchetywa iinwele zayo, yaza yaziyeke zakhula, zakhula,” watsho uJango. “Zakhula yade intloko yayo yagqunywa yimicu yeenwele enamaqhina. Kwangoko imicu enamaqhina yaphothana kunye.”

“Kwaza kwenzeka ntoni emva koko?” wabuza uTimi, owayeseyekile ukulila.

“Impukane nezinye izinambuzane zakhela izindlu zazo ezinweleni zayo,” waqhuba watsho uJango.

“Ke, kwenzeka ntoni kuye?” wabuza uTimi, ekhangeleka ekhathazekile.

“Le nkwenkwana yaqala yamana ukutsala iinwele zayo nokuzonwaya kuba izinambuzane zazirhoqo-rhoqoza kwintloko yakhe ziyenza irhawuzele kakhulu, kanobom. Yayizitsala izonwaya, iphinde izitsale izonwaye imini yonke. Kungekudala, intloko yayo kunye nezandla zayo zaqala zaba buhlungu ngenxa yokusoloko itsala futhi isonwaya,” watsho uJango.

“Yho, imbi loo nto! Kwalandela ntoni?” wabuza uTimi, enosizi ngale nkwenkwe.

“Yadumba intloko yayo nezandla zayo ngokunjalo,” waqhuba uJango. “Ngenye imini, umama wayo wayizisa apha kule yam indlu yokucheba iinwele. Msinyane bakuba befikile, yatsibela esitulweni ukuze zichetywe iinwele zayo. Yahlala ngokuzola ukuze ndiyichebe kakuhle kakhulu.”

“Nyhani?” wabuza uTimi.

“Ewe, kunjalo!” watsho uJango. “Ndathi ndakugqiba ukucheba iinwele zaloo nkwenkwe – njengokuba sendigqibe ngezakho ngoku – inkwenkwe yandanga kakhulu.”

UTimi wabuka intloko yakhe. Zazigqityiwe ukuchetywa iinwele zakhe! Wayonwabele eli bali kakhulu kangangokuba zange aqaphele ukuba uJango uyaqhuba ngokucheba iinwele zakhe. Waxhumela ngaphaya kwesitulo waze wamanga kakhulu uJango.

Uyazi? UTimi zange aphinde akhale kwakhona endlwini yokucheba iinwele kuba uJango wayenebali elitsha ambalisela lona ngotyelelo ngalunye lwakhe! Umama kaTimi wayonwabe kakhulu kuba amabali kaJango aba sisiphelo seenkathazo zokuchetywa kweenwele ayedla ngokuba nazo ngeveki nganye.



# Nal'ibali fun



© Neo, Afrika, Bella and Gogo all dream of travelling one day. Read the clues about the kind of places they would like to visit. Then read about four different places in four countries of the world. Which country do you think Neo, Afrika, Bella and Gogo would enjoy? Write the name of the country next to each person.

**Bella**  
 I love reading stories about queens. I want to explore a city that has an old palace because then I can pretend that I am a queen who lives there! Of course, I want to take Noodle with me too!  
 Ndiyakuthanda ukufunda amabali amalunga nookumkanikazi. Ndifuna ukuhlola isixeko esinebhotwe elidala kuba ndingasuka ndizenze ukumkanikazi ohlala apho! Kwaye, ndifuna ukuhamba naye noNoodle!  
 Country/Ilizwe: \_\_\_\_\_

**Afrika**  
 I love making things. I'd love to explore a place with pyramids that were built long ago, before we had machines.  
 Ndiyathanda ukwenza izinto. Ndingqwenela ukuhlola indawo eneephiramidi ezazakhiwe kudala-dala, phambi kokuba sibe noomatshini.  
 Country/Ilizwe: \_\_\_\_\_

**Gogo**  
 Nothing is better than a love story. I'm sure I can find some good ones to read in this city.  
 Akukho nto emnandi ngaphezu kwebali lothando. Ngokuqinisekileyo akhona amnandi endinokuwafunda kwesi sixeko.  
 Country/Ilizwe: \_\_\_\_\_

**Neo**  
 I wonder how city's get nicknames. Do you think that people never sleep if they live in The City That Never Sleeps? Won't they get tired if they never sleep? I'd like to go and find the answers to these questions.  
 Ndiyazibuza ukuba izixeko ziwafumana njani amagama aziziqhulo. Ucinga ukuba abantu abalali tu ukuba bahlala kwiSixeko Esingalaliyo Konke (The City That Never Sleeps)? Abanakudinwa xa bengalali? Ndingqwenela ukuhamba ndiye kufuna iimpendulo zale mibuzo.  
 Country/Ilizwe: \_\_\_\_\_

# Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali


© UNeo, uAfrika, uBella noGogo banephupha lokuba nohambo ngenye imini. Funda izikhokelo malunga nohlobo lweendawo abanqwenela ukuzityelela. Emva koko, funda ngeendawo ezine ezahluka-hlukileyo emazweni amane asehlabathini. Ucinga ukuba uNeo, uAfrika, uBella noGogo bangathanda ukuya kwawaphi amazwe? Bhala igama lelizwe ecaleni komntu ngamnye.

<p><b>France</b></p> <p>Paris is the capital of France. You can see the Eiffel Tower in Paris. Paris is well-known for its food and fashion. It is often called the city of love!</p>	<p><b>IFrance</b></p> <p>IParis sisixeko esiyintloko saseFrance. Uya kuyibona iEiffel Tower eParis. IParis yaziwa banzi ngokutya kwayo nangefashoni. Ikholisa ukubizwa ngokuthi sisixeko sothando!</p>
<p><b>China</b></p> <p>Beijing is the capital of China. This city is more than 3 000 years old! In Beijing you can visit the Great Wall of China and the Forbidden City, which is a 600-year-old palace.</p>	<p><b>IChina</b></p> <p>IBeijing sisixeko esiyintloko saseChina. Esi sixeko sidala kangangeminyaka engama-3 000! EBeijing ungatyelela iGreat Wall of China kunye neForbidden City, eli libhotwe elidala kangangeminyaka engama-600.</p>
<p><b>United States of America</b></p> <p>New York City is a famous city in the USA. It is also called The City That Never Sleeps. Here you will see the Statue of Liberty and some of the world's tallest buildings.</p>	<p><b>I-United States of America</b></p> <p>INew York City sisixeko esidumileyo saseUSA. Ibizwa ngokuba yi-The City That Never Sleeps. Apha uya kubona iStatue of Liberty nezinye izakhiwo ezizezona ziphakamileyo ehlabathini.</p>
<p><b>Egypt</b></p> <p>Cairo is the capital of Egypt and it is set on the Nile River. People who visit Cairo often visit the nearby pyramids and the Great Sphinx of Giza which are thousands of years old!</p>	<p><b>I-Egypt</b></p> <p>ICairo sisixeko esiyintloko e-Egypt kanti sisekwe emlanjeni iNile. Abantu abatyelela iCairo bakholisa ukutyelela iiphiramidi ezikufutshane kunye neGreat Sphinx of Giza ezineminyaka engamawaka ubudala!</p>

© Colour in the routes on the map to show which cities Neo, Afrika, Bella and Gogo would have to travel to if they wanted to visit these places. Use a different colour for each person's route. Use the same colour to write the name of the city next to each person's name.

© Faka imibala emizileni esemephini ukubonisa ukuba zeziphi izixeko uNeo, uAfrika, uBella noGogo abanokuya kuzo xa betyelela ezi ndawo. Sebenzisa umbala owohlukileyo kumntu ngamnye. Sebenzisa umbala omnye ukubhala igama lesixeko esisecaleni kwegama lomntu.

	City they would travel to/Isixeko abangaya kuso
Bella/UBella	
Afrika/UAfrika	
Gogo/UGogo	
Neo/UNeo	



Answers: Bella – China (Beijing), Afrika – Egypt (Cairo), Gogo – France (Paris), Neo – United States of America (New York City)  
 Iimpendulo: UBella – iChina (eBeijing), UAfrika – iEgypt (eCairo), UGogo – iFrance (eParis), UNeo – iUnited States of America (New York City)



Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us by calling our call centre on 02 11 80 40 80, or in any of these ways: AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Nxibelelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

www.nalibali.org  
 www.nalibali.mobi  
 nalibaliSA  
 @nalibaliSA  
 @nalibaliSA  
 info@nalibali.org

Produced by The Nal'ibali Trust and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch  
 The Herald  
 Sunday Times  
 Sowetan  
 IN THE KNOW ON THE MOVE.

Drive your imagination